

# UKUSETYENZWA KWEENGXAKI ZOKUNGAKWAZI UKUTHETHA KAKUHLE

## YINTONI UMSEBENZI WETHU?

IGcisa eliSebenza iiNgxaki zokuNgakwazi ukuThetha Kakuhle lixilonga iingxaki zokungakwazi ukuthetha kakuhle nokutya ebantwaneni nakubantu abadala, ze emva koko lizisebenze.



## UNGALINDELA NTONI EMNTWANENI WAKHO KWIMINYAKA NGEMINYAKA YOKUKHULA KWAKHE?

- **Ukususela mhla wavela umntwana ukuya kwiinyanga ezili-12** - Wenza izandi ezithile okanye udibanisa izandi (umz. "ba" okanye "ma"). Uyakwazi ukwalatha into ayifunayo. Uyaphendula xa ebizwa ngegama, aze amjonge umntu lowo umbizayo.
- **Kwiinyanga ezili-12 ukuya kwezili-18** - Usebenzisa amagama ahlukehlukeneyo ali-12 (umz., "mama"). Uyakwazi ukubiza amalungu omzimba ngamagama. Uyakwazi ukwalatha izinto eziqhelekileyo xa kusithiwa makazalathe. Uyakwazi ukwenza oko kuthiwa makakwenze (umz. "Yiza nesitya").
- **Kwiinyanga ezili-18 ukuya kwezingama-24** - Uqala ukudibanisa amagama amabini enze izivakalisi (umz. "Yiza mama" Uyakwazi ukuthi "hayi" xa engayifuni into).
- **Kwiminyaka emi-2** - Uyakwazi ukusebenzisa amagama anzinyana. Uyakwazi ukuthobela imiyalelo emibini elandelelanayo (umz. "Zisa isitya uzise necephe").
- **Kwiminyaka emi-3** - Uyakwazi ukwenza izivakalisi ezindana (umz. Mama lambile). Uyayazi imibala ethile (umz., "bomvu", "bhlowu", "tyheli"). Uyakwazi ukubeka izinto ngokweentlobo zazo (umz. "ukubeka wonke amacephe ndaweninye adibanise izitya zonke ndaweninye"). Uyakwazi ukubuza le mibuzo "intoni", "phi", "ubani". Uyakwazi ukuqala iincokwana ezimfutshane. Ubonakalisa ukucaphuka xa abantu bengayiva into ayithethayo.
- **Kwiminyaka emi-4** - Uyakwazi ukusebenzisa izivakalisi ezinzima (umz., "Mama ndifuna icephe"), Ubala ayokufika kwisihlanu kwaye unemibala embalwa ayaziyo. Uyakwazi ukuphendula imibuzo malunga nemisetyenzana yemihla ngemihla. Ubuza imibuzo emininzi. Uyakwazi ukuchaza izinto ezisanda kwenzeka emva kokuvuka (umz., "Ndiyatya, ze ndidlale, ze ndi...")
- **Kwiminyaka emi-5** - Ubalisa amabali alula amafutshane. Usebenzisa izivakalisi ezipheleleyo kwaye uyaviwa ngabantu angabaziyo.

Ukuba akuziboni ezi mpawu emntwaneni wakho, ungamthatha ayokubonwa ligcisa elisebenza iingxaki zokungakwazi ukuthetha kakuhle..

## UNGATHETHA NBANI?

- ISebe eliSebenza iiNgxaki zeNtetho noLwimi kwiYunivesithi yaseFort Hare - 060 563 1297
- ISebe eliSebenza iiNgxaki zeNtetho ezoLwimi nezokuva - kwiSibhedlele iFrere - 043 709 2111

